

## Yiba Ngulo Unguye



---

### Sabatha Emva Kwemini

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

2 Pet. 1:1–15; Efese 2:8; Roma 5:3–5; Heb. 10:38; Roma 6:11; 1 Kor. 15:12–57.

#### Indima Yenkumbulo:

“Ngenxa yoko, nakuba niqokele ukukhuthala konke, yithini elukholweni lwenu nongezelele isidima; esidimeni ke, ukwazi; ekwazini ke, ukuzeyisa; ekuzeyiseni ke, umonde; emondeni ke, ukuhlonela uThixo; ekuhloneleni ke uThixo, ukuthanda abazalwana; ekuthandeni ke abazalwana, ukuthanda abantu bonke” (2 Petros 1:5–7).

**E**nye yezinto ezimangalisayo kwiTestamente eNtsha yeyobuninzi benyaniso “exinaniswe” kwindawana nje encinane. Khangela isifundo sale veki, esiku-2 Petros 1:1–14. Kwezi ndima zili-14, uPetros usifundisa ngobulungisa ngokholo. Uphinda afikelele kwinto enokwenziwa ngamandla kaThixo ebomini babo bazinikele kuYesu. Uthetha ngenyaniso emangalisayo yokuba siba “ngamadlelane ngemvelo yobuThixo” (2 Pet. 1:4) nokuba singakhululeka kwinkohlakalo nenkanuko yehlabathi.

Kakuhle, asifumani kuphela uludwe lobuhle bobuKristu, kodwa uPetros ububeka ngendlela ecwangwiswe ngokukodwa. Obunye bulandela obunye, obulandela obunye, njalo njalo bude bufike encotsheni yobona bubalulekileyo kubo bonke. Ukwabhala ngokuqiniseka kwento okuthetha yona ukuba kuKristu noku“hlanjulukwa” (2 Pet. 1:9) kwizono ezidala, aze azise ingcamango yengqiniseko yosindiso, isithembiso sobomi obungunaphakade, “ebukumkanini obungunaphakade beNkosi” (2 Pet. 1:11). Ekugqibeleni, side sifumane nengxoxwana ngomcimbi obalulekileyo wemeko yabafi. Ubuninzi obungako bobutyebi nobunzulu benyaniso kwiindima nje ezili-14!

*\*Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Meyi 27.*

## Ukholo Olunexabiso

**Funda 2 Petros 1:1–4. Uthi uPetros yintoni esiyiphiwe ngoYesu Kristu? Oko kukuthi, bubonakala njani ubunyaniso bobabalo kuthi apha?**

UPetros uqala le leta ngokuthi uyibhalela “abo baluzuzileyo ukholo oluxabiso lunye nolwethu” (2 Pet. 1:1); okanye “ukholo olukumgangatho omnye nolwethu” (RSV). Igama eliguqulwe “xabiso” lithetha “ixabiso elilinganayo,” okanye “ilungelo elilinganayo.” Uthi balu “zuzile” olu kholo lunexabiso; kungekuba balwamkele okanye bebelufanele, kodwa baluzuzile, isipho esivela kuThixo. Okanye, ngokubhala kukaPawulos: “Kuba nisindiswe ngokubabalwa nangalo ukholo; nako oko kungaphumi kuni kusisipho sikaThixo” (Efese 2:8). Sinexabiso kuba “lungekho ukholo akunakubakho ukumkholisa kakuhle” uThixo (Heb. 11:6). Sinexabiso kuba ngolu kholo sibamba amadinga amaninzi amangalisayo.

UPetros ucinezela ukuba “amandla angcwele” kaYesu asinike yonke into ejongene nobomi nokuhlonelela uThixo (2 Pet. 1:3). Kuphela ngamandla kaThixo esinokuthi sibekho, kuphela ngamandla aKhe esinokuthi sizuze ubungcwele. La mandla angcwele siwaphiwe “ngako ukumazi lowo wasibizayo ngozuko nesidima” (2 Pet. 1:3; bona nakuYohane 17:3). Sibizwe ukuba sithande uThixo, kodwa singamthanda njani uThixo esingamaziyo? Siza ekwazini uThixo ngoYesu, ngeLizwi eliBhaliweyo, ngehlabathi elidalweyo, nangamava okuphila ubomi bokholo nokuthobela. Simazi uThixo nokuqiniseka kukaThixo xa sinamava akwenzayo ebomini bethu, ulwazi olusitshintshayo. Saye sisiza ekumazini ngokuqiniseka kobabalo asinika lona.

Emva koko uPetros uthetha into ekunzima ukuyikholelwa: eyokuba siphwiwe “amadinga amakhulukazi, anqabileyo,” aquka ukuba sibe nexaxheba “kwimvelo yobuThixo” (2 Pet. 1:4). Uluntu, ekuqaleni, lwaludalwe ngokomfanekiselo kaThixo; loo mfanekiselo wacinywa kakhulu wathotywa umgangatho. Xa sizalwa kwakhona, siba nobomi obutsha kuYesu, osebenza ukusibuyisela umfanekiselo waKhe ongcwele kuthi. Ngoko ke, kufuneka siyibaleke inkohlakalo neenkanuko zehlabathi ukuba sifuna le nguquko yenzeke kuthi.

**Bebuya kuba yintoni ubomi bakho ukuba ubungenalo ukholo? Le mpendulo ikunceda njani ukuba uqonde ukuba sixabiseke ngantoni isipho sokholo?**

## Uthando, Umgomo Wobuhle BobuKristu

**Funda** 2 Petros 1:5–7; Roma 5:3–5; Yakobi 1:3, 4; nomaGalati 5:22, 23. Ngumxholo othini ofanayo okwezi ndima?

Kwakuqhelekile phakathi kweenkcuba-buchopho zelizwe lakudala ukwenza uludwe lokulungileyo. Uluhlu olunjalo lukholisa ukuthiwa, “[lu]luhlu lokulunga,” yaye mininzi imizekelo kwiTestamente eNtsha (Rom. 5:3–5; Yakobi 1:3, 4; Gal. 5:22, 23). Kwakunokwenzeka kakhulu ukuba abafundi bakaPetros babeqhelene noluhlu olunjalo, nangona kukho iiyantlukwano ezinika umdla phakathi koko inkcuba-buchopho inokudwelisa noko uPetros akudwelisayo. Phawula ukuba uPetros ulenze uhlelo ngokulandelelana ngabom, ukuze ukulunga ngakunye kwakhele kokungaphambili, kude kufikelelwe encotsheni yothando! Ubuhle ngabunye abusebenzisayo bunentsingiselo ebaluleke kakhulu:

**Ukholo:** Ngokwalapha, ukholo asinto ingaphantsi kwenkolelo kuKristu esindisayo (bona Gal. 3:11, Heb. 10:38).

**Ukulunga:** Ukulunga (isiGrike - arête), uphawu olulungileyo nolwaluphi uhlobo, lwalubabazwa naphakathi kweenkcuba-buchopho zabahedeni. Ewe, ukholo lubalulekile kodwa kufuneka lukhokelele kubomi obutshintshileyo, apho kubonakala khona ukulunga.

**Ulwazi:** UPetros ngokuqinisekileyo uthetha ngolwazi jikelele, kodwa lube lulwazi oluphuma kulwalamano olusingisayo noYesu Kristu.

**Ubungcathu/ukuzoyisa:** AmaKristu avuthiweyo ayakwazi ukuzilawula iimvakalelo zawo, ngakumbi ezo zikhokelela ekuzibaxeni izinto.

**Umonde/Ukuma:** Ukuma kukunyamezela, ngakumbi xa kujongenwe nezilingo nentshutshiso.

**Ukuhlonela uThixo:** Kwilizwe lobuhedeni, igama eliguqulwe ngokuthi “ukuhlonela uThixo” lithetha ukuziphatha ngembeko okuba nomphumela ovela kwinkolelo kuThixo. KwiTestamente eNtsha, liphethe kwaloo mbono yokuziphatha ngembeko eba neziphumo ezivela kwinkolelo kuThixo omnye oyinyaniso (1 Tim. 2:2).

Ububele bobuzalwana: AmaKristu afana nosapho, kwaye ukuhlonela uThixo kuya kuwakhokelela kwibandla apho abantu banobubele omnye komnye.

**Uthando:** UPetros ulufikisa olu ludwe encotsheni ngoThando. Uvakala njengoPawulos naye: “Kungoku ke kuhleli ukholo, ithemba, uthando, ezo zinto zontathu; eyona inkulu ke kuzo apho luthando” (1 Kor. 13:13).

**Phambi kokuba uPetros aluqale uludwe lwezinto ezintle, uthi kufuneka senze wonke umzamo” (2 Pet. 1:5, NET) ukuze sikuzuze konke oku kuhle. Uthetha ukuthini ngaloo nto? Yindawoni edlalwa ngumzali womntu ekulangazeleleni kwethu ukuphila ubomi bokuhlonela uThixo nokunyaniseka?**

## Yiba Ngulo Unguye

Emva kokusinika uludwe lwento esimelwe ukuyifuna ngenkuthalo njengamaKristu, uPetros uvakalisa into eziya kuba yiyo iziphumo.

**Funda 2 Petros 1:8–11. Yintoni ehlanganisa oko besele kwenzelwe umKristu kunye nendlela umKristu ekufuneka aphilile ngayo?**

UPetros ukhuthaza abafundi bakhe ukuba baphile ngokokuqiniseka okunyanisekileyo kubo kuYesu. Iimpawu zokholo, ukulunga, ulwazi, ukuzoyisa, ukuqina, ukuhlonela uThixo, uthando lobuzalwana, nothando “zikho ezo zinto kuni, zisanda” (2 Pet. 1:8). Ingxaki yeyokuba asingawo onke amaKristu aphilile ngokokuqiniseka kutsha. Amanye awanampembelelo okanye awanaziqhamo elwazini lweNkosi uYesu Kristu (2 Pet. 1:8). Abantu abanjalo bamelwe ukuphila ukuqiniseka okutsha okuyinyaniso kubo bekuYesu. Abantu abanjalo balibele ukuba bahlanjululwe “[kwi]zono zabo ezidala” (2 Pet. 1:9). Ngoko ke, uti uPetros, amaKristu amelwe ukuphila ukuqiniseka okutsha okuyinyaniso kuwo ekuKristu. KuKristu, afumene uxolelo, ukuhlanjululwa, nelungelo lokuxhamla kwimvelo engcwele. Ngoko ke, kufuneka “[a]khuthalele ukulwenza luqine ubizo nonyulo [lwawo]” (2 Pet. 1:10). Akukho sizathu, ke ngoko, sokuphila njengoko ayesenza ngaphambili; kungekho sizathu sobuba abe ngamaKristu abharhileyo “[na]swele isiqhamo.” “Siva kakhulu ngokholo, kodwa sidinga ukuva kakhulu ngakumbi ngemisebenzi. Baninzi abakhohlisa imiphefumlo yabo ngokuphila inkolo elula, ayekelelayo, engenamqamlezo.”—Ellen G. White, *Faith and Works*, p. 50.

**Funda Roma 6:11. Uthini uPawulos apha ebonisa oko kubhalwe nguPetros kwiindima zanamhlanje?**

Ngandlela ithile, bobabini uPetros noPawulos bathi, “Yiba yinto oyiyo.” Sizizidalwa ezitsha kuKristu, sihlanjululwe esonweni, sinenxaxheba kwimvelo engcwele. Yiyo le nto sinako ukuphila uhlobo lobomi esibizelwa kubo. Simelwe kukufana noKristu, nto leyo obuthetha yona ubuKristu.

**Unjani xa “ufana noKristu?” Zeziphi iindawo omele ukwenza ngcono kuzo?**

## Ukuwisa Intente

“Ndiba ke kububulungisa, ukuba ngalo gama ndikulo mnquba, ndinivuse ngokunikhumba; ndisazi nje ukuba kukufuphi ukubekwa nxamnye kwalo mnquba, njengokuba nayo iNkosi yethu uYesu Kristu yandazisayo” (2 Pet. 1:13, 14). Ngowe-1956, u-Oscar Cullman wabhala isifundo esifutshane esibizwa ngokuthi, *Immortality of the Soul or Resurrection of the Dead?: The Witness of the New Testament*, (Ukungabi nakufa komphfumlo okanye Uvuko Lwabafileyo: Ubungqina beTestamente eNtsha). Waxoxa khona ngelithi, imbono yovuko ayihambelani nembono yomphfumlo ongafiyo. Ngapha koko, wathi, iTestamente eNtsha imi zinzi ngakwicala lovuko lwabafileyo. “Alukho olunye upapasho lwam,” wabhala kamva, “oluvuse ulangazelelo olunjalo okanye ubundlobongela obubi ngolo hlobo.”

**Funda 1 Korinte 15:12–57. UPawulos unika ingqondo yokuba kwenzeka ntoni ekufeni?**

---



---



---

Ukufundwa kwento ethethwa yiTestamente eNtsha ngokufa nokuvuka yoyisele uninzi lweengcali zeTestamente eNtsha ekuthini uCullman wayenyanisile. ITestamente eNtsha ngokwenene ithabatha imbono yovuko, hayi eyomphfumlo ongafiyo ophilayo emva kokufa komzimba. Umzekelo, ku-1 Tesalonika 4:16–18, uPawulos ukhuthaza abo balahlekwe ngababathandayo ngokufa ukuba bathuthuzeleke ngolwazi lokuba, xa uYesu ebuya kwakhona, uya kubavusa abafileyo. Ku-1 Korinte 15:12–57, uPawulos unika inkcazo enabileyo yovuko. Uqala ngokubonisa ukuba ukholo lobuKristu lusekwe phezu kokuvuka kukaYesu. Ukuba uYesu wayengavuswanga, ukukholwa kuYe bekuya kuba lilize. Kodwa, uthi uPawulos, uKristu uvukile ngokwenene kwabafileyo, njengentlahlela yabo baleleyo. Ukuvuka kukaKristu kwabafileyo kwenza ukuba kubenakho ukuvuka nabo kwabafileyo bonke abo bakholwayo kuYe.

UPawulos uthetha ngovuko lomzimba ku-1 Korinte 15:35–50. Uthelekisa imizimba emitsha esiya kuyizuzisa ekuvukeni nemizimba yethu yangoku. Le sinayo ngoku iya kufa; leyo siya kuba nayo ekuvukeni ayisayi kuze [ife].

Ukushwankathela, xa iTestamente eNtsha ithetha ngokufa, ikwenza oko ngokubhekisele eluvukweni, ayithethi ngomphfumlo ongenakufa. Kubalulekile ukuyazi le nto njengesiseko sokufunda u-2 Petros 1:12–14.

## Ukholo Nokujongana Nokufa

**Funda 2 Petros 1:12–15. Uthetha ukuthini uPetros xa athi uza kuwususa kwakamsinyane umnquba/umzimba wakhe?**

U-2 Petros 1:12–14 uyasiveza isiganeko seleta. UPetros ucinga ukuba sele eza kufa, kwaye ileta yakhe inesigidimi sakhe sokugqibela okanye umyolelo. Into yokuba uPetros ulindele ukufa kwakamsinyane iboniswe yintetho ethi, “lo gama ndikulo mnquba. . . . Ndisazi nje ukuba kukufuphi ukubekwa nxamnye kwalo mnquba wam,” efunyanwa ku-2 Petros 1:13, 14. Ufanisa umzimba nentente (umnquba), azakuthi uPetros ayichithe xa esifa. Kona, kona, icace kakhulu into yokuba uPetros uthetha umzimba wakhe xa ebhekisa ekuchitheni intente kangangokuba abaguquli beli xesha bakholisa ukuyiguqula le ntetho ngokuthi, “lo gama ndise kulo mzimba . . . njengoko ukufa kwam kuza kufika msinyane” (2 Pet. 1:13, 14 NRSV). Akukho nto kwintetho kaPetros ethi, xa uPetros “echitha” intente okanye umzimba, umphefumlo uya kuphila njengento ezimeleyo.

**Funda 2 Petros 1:12–15 kwakhona. UPetros ubonakala ekuphethe njani ukuqiniseka kokufa okuzayo, iyintoni esiyifundiswa yiloo ngqondo ngokholo?**

U-2 Petros 1:12–15 unika isidima esongezekileyo amazwi kaPetros. Ubhala oku esazi ukuba ubomi bakhe buza kufika ekupheleni kwangoko. Uyakwazi oku kuba uthi, “iNkosi uYesu yandazisa.” Kanti kunjalo, akubonakali kukho ukoyika, ixhala, nokuthandabuza. Ucinzelolo lwakhe, endaweni yoko, lusekuhlaleni kakuhle kwabo aza kubashiya ngasemva. Ufuna ukuba baqine “kwinyaniso yangoku” kwaye—lo gama esaphila—uza kuba yala ukuba bathembeke. Siyakubona apha ukuqiniseka nobunzulu bamava kaPetros eNkosini. Ewe, uza kufa msinyane, kwaye nako akuyi kuba kukufa okumnandi ukufa (bona Yohane 21:18; Ellen G. White, IZenzo ZabaPostile, amaph. 537, 538), kodwa umthwalo wakhe ongenamona ungenzuzo yabanye. Ngokwenene, uPetros wayeyindoda eluphilayo ukholo eyayilufundisa.

**Ingaba ukholo lwethu lusinceda njani ukuba sijongane nokufa okuqinisekileyo? Singakufunda njani ukubambelela ethembeni elimangalisayo esinalo, nokuba sijongene nokufa, ngenxa yento uYesu asenzele yona?**

## Ingcamango Eyongeziweyo:

Njengoko sibonile, uPetros wayesazi ukuba uza kufa. Wayesazi (ithuba elide, nangoko), indlela aza kufa ngayo. Kungokuba uYesu ngokwaKhe wamxelela. “Inene, inene, ndithi kuwe, Oko ubusemtsha ubuzibhinqisa ngokwakho, uhambe apho uthanda khona; kodwa xa uthe waluphala, uya kuzolula izandla zakho, ubhinqiswe ngomnye, akuse apho ungathandiyo.” (Yohane 21:18). Saba yintoni isiphelo sakhe? “UPetros, njengomYuda nomphambukeli, wagwetyelwa ukuba atyabulwe ngokubethwa aze abethelelwe emnqamlezweni. Wathi ejongene nokufa kwakhe, umpostile wakhumbula isono sakhe esikhulu sokukhanyela uYesu ngeyure yokulingwa kwaKhe. Lowo wayeke akakulungela ukuwuvuma umnqamlezo, ngoku wayekubalela ukuba kuluvuyo ukunikela ubomi bakhe ngenxa yeendaba ezilungileyo, esiva nje ukuba, ngenxa yalowo wayikhanyelayo iNkosi yakhe, ukufa ngokohlobo iNkosi yakhe eyafa ngalo kuluzuko olugqithisileyo kakhulu. UPetros wayeguquke ngokwenene kweso sono kwaye wayesixolelwe nguKristu, njengoko kwabonakaliswa kumyalelo omkhulu wokondliwa kwezimvu neemvana zomhlambi. Yena akazange akwazi ukuzixolela. Nengcamango yeentlungu zemiboniso emibi yokugqibela azizange zibe nokubunciphisa ubukakra bentlungu nokuguquka kwakhe. Kuye, okokugqibela okuhle awazenzela kona, kwaba kukucela abo babembulala ukuba abethelelwe emnqamlezweni intloko yakhe ijonge ezantsi. Kwenziwa ngokwesicelo sakhe, waba ufa ngaloo ndlela umpostile omkhulu uPetros.” — Ellen G. White, *IZenzo ZabaPostile*, amaph. 537, 538. Kanti ke, sele enoko ajongene nako, umthwalo kaPetros yayikukuphila kwasemoyeni komhlambi wakhe.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ngokubona ngengqondo kaPetros (nabanye ababhali beBhayibhile), konke akubhalileyo ngesidingo sokuba amaKristu kufuneka aphilile ubomi obunyulu, yintoni eyenza ukuba abaninzi kuthi basilele ekubeni “koko sikuko” kuYesu?
2. Eklasini, jongani uludwe olunikwe ku-2 Petros 1:5–7. Thethani ngengongoma nganye nizibuza: Singabubonisa ngcono njani obu buhle ngokwethu, kwaye singabanceda njani abanye abafuna ukwenza ngokunjalo?
3. Xa sijonga oko sikwaziyo ngoPetros, njengoko kutyhiliwe kwiiVangeli, oko akubhalayo kubonisa ngamandla umsebenzi omkhulu uKristu awawenzayo kuye, naxa wayewe phantsi ngaphambili. Lithemba nentuthuzelo enjani esinokuba nayo kumzekelo wakhe?
4. Ku-2 Petros 1:12, uPetros wabhala “ngenyaniso ekhoyo.” Yayisithini “inyaniso ekhoyo,” yaye isithini “inyaniso ekhoyo” ngeli lethu [ixesha]?
5. “Kuqiniseke kangakanani ukuba abafileyo badlule ekufeni,” wabhala njalo omnye. “Ukufa yinto ethwelwe ngabaphilileyo.” Thina njengamaKristu singaku “thwala” njani ukufa?

